

Okuqulathiweyo

1	Ukuphila Kumphakathi Oxakeke Umlibe—Juni 26-Julayi 2	4
2	Ukungabi Nakuphumla Novukelo—Julayi 3-9	12
3	Ingcambu Yokungabi Nakuphumla—Julayi 10-16	20
4	Ixabiso Lophumlo—Julayi 17-23	28
5	“Yizani Kum . . .”—Julayi 24-30	36
6	Ukufumana Ukuphumla Kumaqhina Osapho—Julayi 31-Agasti 6	44
7	Uphumlo, Ulwalamano, Nokuphiliswa—Agasti 7-13	52
8	Ukukhululeka Ukuba Uphumle—Agasti 14-20	60
9	Izingqi Zophumlo—Agasti 21-27	68
10	Uphumlo LweSabatha—Agasti 28-Septemba 3	76
11	Ukulangazelela Okungaphezulu—Septemba 4-10	84
12	Umprofeti Ongenakuphumla—Septemba 11-17	92
13	Uphumlo Lokugqibela—Septemba 18-24	100

Iofisi Yabahleli:

12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

Siteyelele Kwi-Web site:

<http://www.absq.adventist.org>

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:

Gerard and Chantal Klingbeil

Umhleli:

Clifford R. Goldstein

Soraya Homayouni

Isekela-mhleli:

Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:

Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:

Sharon Thomas-Crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press:

Tricia Wegh

Umozibhi Ncwangciso:

Lars Justinen

Oququlelele Esikhoseni

Mpumelelo I. Buwa

©2021 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala. (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlulwa,

itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswa, iguqulewe, yandiswa, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibalhiweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Ilofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinalo igunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulungelo leGeneral Conference. U“Seventh-day Adventist,” “Adventist” kunye ne“logo” yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference.

Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongamelelo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi

yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze, ngolo hlobo, singabi zingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

Iinguqulelo ZeBhayibhile Ezisetyenzisiweyo (Zimbini ezesiXhosa):

Eyokuqala: IZIBHALO EZINGCWELE: U‘Hlaziyo lweNguqulelo yeMvumelwano, kuHlaziyo loBhalo magama oluVunyiweyo, uhlelo lweshumi elinambini 2010; ushicilelo lwesihlanu 2014.’ [Yeyona isetyenzisiweyo koku kuguqulwa kwale ncwadi].

Eyesibini: IBHAYIBHILE: Inguqulelo entsha egqityezelwe ngowe-1996. Xa kucatshulwe kuyo kubhalwa IBHAYIBHILE emva kwalo ndima icatshulweyo.

Ukuba kwenzekile kwasetyenziswa okuphuma ngqo kwiinguqulelo yesiNgesi, kuya kwaziswa noko. [Nazo ezisiNgesi zisetyenziswe ngemvume kwisifundo esiguquleloyo Ukusetyenziswa kwegama i“Bhayibhile” kubhekisa nakwinyiphi inguqulelo, ngaphandle kwaxa libhalwe ngqo emva kwendima ecatshulweyo.

Kwesi sifundo sekota yesithathu yowama-2021, kusetyenziswe iKJV esetyenziswe ngemvume. Zikho ke nezinye, gqaba-gqaba, eziquke iNABRE, ESVM NRSV, NKJV, NIV, nazo ezisetyenziswe ngemvume. Zichaziwe kwiinguqulelo yesifundo sesingesi.

Uphumlo Lwabangenalo Uphumlo



Uhambo lwenqwelo-moya lube luluhle lungenaziganeko kwada kwalilixa umphathi exela ukuba kuza kucandwa phakathi komoyakazi omkhulu. “Iibhanti maziqiniswe. Siza kungena kumgama onzima.” Latsho ilizwi elalisenza isaziso.

Kungekudala, yaqala inqwelo-moya ukushukuma kakubi njengoko yayizama ukunqumla kuloo moya mkhulu. Kwavulwa phezulu; abantu bahlala ngoloyiko ezindaweni zabo. Emva kokugungqa ngamandla kwenqwelo, kwabakho owenza umkhwazo phaya ngasemva. Kwabonakala ngathi kuntinga iphiko elophukileyo, inqwelo isiya ngamandla emhlabeni ngokukhawuleza ngokokubona kwabajongileyo. Abakhweli bonke babebonakala bezaliswe luloyiko. Bonke, ngaphandle kwentwazana eyayihleli kwisihlalo esiphambili. Yayixakekile izoba umfanekiso kwitafile eyayiphambi kwayo. Yayisoloko isithi krwaqu efestileni xa kutshawuza umbane omkhulu, iphinde iqhubeka nokuzoba kwayo.

Emva kwexesha elalingathi ngunyaka onesiqhuma, yaya yathi ngcu apho ibisiya khona inqwelo-moya. Abakhweli bavuya baqhweba izandla bekhwaza, bezaliswe ngumbulelo kuba bada bafika emhlabeni. Intwazana yayithe chu umgodlo womthwalo wayo ilindele ukuba abantu baphume. Omnye wabakhweli wayibuza ukuba kutheni ingabonakali inoloyiko nje. Yintoni eyenza izole kangako nangeli xesha umoya omkhulu wawuyishukumisa ngamandla inqwelo-moya?

“Bendingoyiki,” yatsho le ntwazana kutata omangalisiweyo. “Utata wam ngumqhubi, kwaye ndiyazi ukuba uyandigodusa.”

Ukungonwabi noloyiko zizinto ezihambelayo. Ukuphila ehlabathini ebaxakekisa okokoko abantu kunokuba nesiphumo sokungonwabi noloyiko ebomini bethu. Ngubani ongake maxa wambi axakane nokoyika, nokukhathazeka, nokuxhalela angakwaziyo okuzayo? Ixesha elidlulileyo lidlule, elangoku likho, kodwa elizayo lizaliswe yimibuzo, kwaye kweli hlabathi lingazinzanga iimpindulo zisenokuba yinto esingayilindelanga esingafuni nokuyiva. Siyamangala ukuba siya kufika na esiphelweni, siya kukwazi na ukuhlawula amatyala okuhlala nokufunda, siya kuba nako na ukuyisindisa imitshato yethu kuqhwithelo olulandelayo. Siyazibuza ukuba angaba uThixo uya kuqhubeka nokusithanda na, nangona “simphoxa” ngamaxesha onke.

Kule kota, siza kuqubisana ngogaga nolo loyiko. Ukuphumla kuKristu asiyiyo intloko nje yesikhokelo sesifundo okanye intetho nje yokuthimba iingqondo kuvangelo okanye kwiMinquba.

Xa ababhali bebesebenza esi sifundo, baye baqubisana nengcamango enamandla yophumlo kufundo ngoThixo. Uphumlo luquka luhlanganise usindiso, ubabalo, ukudalwa, iSabatha, ulwazi lwethu ngemeko yabafuleyo, ukubuya kwakamsinyane kukaYesu—nokunye okuninzi.

Ngexesha uYesu wayesimemela ukuba size kuYe sifumane ukuphumla (Mat. 11:28), wayengathethi kuphela kubafundi baKhe okanye kwibandla lobuKristu lokuqala. Wabona izizukulwana zexesha elizayo eligula sisono, elidiniweyo, eliqobekileyo, abantu abalwayo abadinga ukuba bafumane inyoba yokufikelela kwithende lokuphumla. Xa ufunda izifundo zeeveki ngeeveki, khumbula ukuza, uphumle kuYe. Ngapha koko, uBawo wethu wasamazulwini nguYe olawulayo nolungele ukusifikisa sisindile ekhaya.

UChantal noGerald Klingbeil bonwabele umtshato weenkucubeko zabo ezingafaniyo nokusebenza njengembumba. UChantal, isekela-mlawuli kwiEllen G. White Estate, uphuma eSouth Africa, lo gama uGerald, isekela-mhleli weAdventist Review Ministries neprofesa yophando kwizifundo zeOld Testament and Ancient Near Eastern Studies eAndrews University, wazalelwa wakhulela eGermany.

*Ukuphumla kuKristu
sisitshixo sokungena
kuhlobo lobomi
uYesu abuthembisa
abalandeli baKhe:
“Isela alizi lingazele
ukuze libe, lixhele,
litshabalalise. Mna
ndizele ukuze babe
nobomi, babe nabo
ke ngokugqithiseleyo”
(Yohane 10:10).*